# Umsindo uyingozi

## Imibuzo phambi kokufunda

1. Sithini isihloko sebali?
2. Qwalasela umfanekiso. Liza kuthetha ngantoni ibali?


EXTRACT PAGES

Aba bantwana bayalwa.
UVictor ulwa noVusumuzi.
UVictor ucatshukiswe nguVusumuzi.




Abantwana balelwa ntoni?



EXTRACT PAGES

UVusumuzi ucela uxolo ngokucaphukisa uVictor.
UVictor ucela uxolo ngokuba nomsindo.
Bobabini baxolelene.

Ucele uxolo lwantoni uVictor?
UVusumzi yena ucele uxolo lwantoni?



Utitshala uyala uVictor noVusumuzi. “Cinga phambi kokuba ulwe. Ungazisoli sowulwile,” uyale watsho utitshala.

Ubayale wathini utitshala?

EXTRACT PAGES




EXTRACT PAGES

"Kutheni le nto ndinomsindo okhawulezayo?" uVusumuzi uyazibuza. "Nokuba siyadlala ndisuka ndibagibisele ngamatye abanye. Umsindo wam uyakhula ndifune nokubabetha abanye abantwana," umbombozele ezibuza uVusumuzi.

Ngubani lo umsindo wakhe okhula msinya?



EXTRACT PAGES

UVusumuzi uze kwagqirha notata wakhe bazokuthetha nogqirha.
"Ugqirha uthetha nam ukuze anyange umsindo endinawo.
Ufuna ndimxelele yonke into ndizokwazi ukulawula umsindo wam.

UVusumuzi uze kwenzani kwagqirha?



“Kutheni ukhangeleka ingathi uyoyika nje?” Libuzile inenekazi.
“Ndiyoyika, andizange ndiyikhwele inqwelomoya,” utshilo uVictor.

Ukhangeleka enjani uVictor?

EXTRACT PAGES



EXTRACT PAGES

“Sukoyika mfana, kudala ndayikhwela inqwelomoya.
Ndiza kukuxelela ukuba yenza njani,” litshilo inenekazi.

Lanqada lathini inenekazi?



EXTRACT PAGES

Abaqhubi beenqwelomoya baqeqeshwe kakhulu.
Abaqhubi beenqwelomoya bakhuthaza abantu nabantwana ukuba bangoyiki.
Ukoyika kulindelekile nakubani na kodwa kokomzuzwana.

Abaqhubi bakhuthaza ntoni ebantwini?



EXTRACT PAGES

Ukuze kuphele ukoyika, zikhethele isitulo osithandayo.
Funda incwadi oyithandayo okanye uziphathele umculo owuthandayo.
Ungaziphazamisa nokuba uthenge ukutya okuthandwa nguwe kwinqwelomoya.

Chaza izinto onokuzenza xa ukhwele kwinqwelomoya?



EXTRACT PAGES

"Ndiyavuya ndiyekile ukoyika ukuhamba ngenqwelomoya
Andoyiki isasuka. Andoyiki ibhabha emoyeni.
Andoyiki naxa ihlayo," ucule watsho uVictor.

Uziva njani ngoku uVictor?



UVusumuzi uhleli yedwa, akonwabanga.
Akafuni nokuthetha namhlanje.
Ingaba ukhathazwa yintoni?

Ubonakala enjani uVusumzi?

EXTRACT PAGES



EXTRACT PAGES

UVusumuzi usahleli yedwa nangoku.
Usuke walilolo. Inokuba ukhathazwa yintoni?
Kufuneka ayixele into emenze walilolo.

Yintoni ekufuneka eyixelile uVusumzi?



Kufuneka sincedisane noVusumuzi athethe nabantu.
Uthi abanye abantwana bayambaleka.

Kutheni kufuneka kuncediswane noVusumzi?


EXTRACT PAGES

Uzoba imifanekiso yabantu abanabahlobo.
Uzoba umfanekiso womntu ongenamhlobo.

Uzoba abantu abatheni?



EXTRACT PAGES

Bonwabile abantu abangamoshiyo.
Bonwabile abantu abanoxolo ezintliziyweni zabo.

Ngabantu abanjani abonwabileyo?


EXTRACT PAGES

Utata kaVusumuzi uyamyala.
"Kufuneka udlale nabanye abantwana kakuhle Vusi," utshilo utata wakhe.

Utheni utata kaVusumzi kuye?